Lirolewa 3/6 nge Kwata (itunyelwe) ingekapeli

4s ipele I Kwata ingarolelwanga
Unokuhlaulela wonke unyaka ekuveleni kwawo
Nge 13s 6d.

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, Nemibiko

Irolelwa 2s 6d zingene kanye ; 3s 9d kabini; 5s katatu.

Imvo Neliso Lomzi
(NATIVE OPINION AND GUARDIAN.)

Authorised Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, THURSDAY, MAY 2, 1895.

ELIPEPA LIPUMA NGO LWESI-TATU

IVEKI ZONKE

Ilungelo Lomzi kupela

Limele imfanelo yabantsundu ngapandle koloyiko

Alicaluli Sizwo nalu Nqulo.

[Vol. XI, No. 549

IXABISO 3d.]

IZAZISO ZMKULU.

ZISHICILELWA NGE,'' GUNYA.

Ifandesi Yemihlaba.

NGOKWE Siqendu II so Mteto No 15 nge 1887, kuyaziswa apa kumntu wonke ukuba ezi ziziba zomhlaba wa Komkulu, okumandla wase Griqualand East, ziya kutengiswa nge fandesi pambi kwe efisi ka Mantyi e MATATIELE ngexesha leshumi kuesasa, ngolwesi BINI, 28 MAY, ngokwezimiselo zalo Mteto ungentla, nange zimiselo zeli fandesi ezibalulweyo, nezingati xixelwe ngalomhla we fandesi.

Isiziba ngesinje somhlaba siya katengiswa ugemali esixhonywe ngayo, waye ote wabhida ngapezu kwabanye, kananjalo ngemali engengapantsi kexhonywe ngayo, eyakuba ngowutengisayo ; umtengi ko lowo koba kokwake ukuyihlaula yoi ke ngaxanye nokuba yinxaienye yayo ngalomhla we Fandesi. Ekoti

(i) Kungeko ntlaulo ngalomhla wefandesi isahlulo seshnmi sirolwe ngenyangae, ize esinye isahlu o seshumi
sirolwe kwinyanga ezilishumi linambini ezilandela namhla wefandesi.

(ii) Ukaba imali ehlanlwe ngomhla we fandesi ingapanfsi kwesahllulomeshuini isisalela sesahluko seshumi sihlaulwa ekupeleni kwenyanga ezintandatu, ize isahlulo seshumi esisasalolcyo sirolwe kwinyanga ezilishumi linambini ukususela kumhla we fandesi.

(iii) Ukuba imali ehlaulwo ngomhla we fandesi ipakati kwesahlulo seshumi nesahlulo sesihlanu sihlaulwe kwinyanga ezilishumi linank iui einva kwefandesi elo.

Inzala yezontlaulo yoba ziponti zone eku. Iwini ngonyaka: ekoti ukuhlaulwa kwnyo nenzala leyo kuqiniselwe ngabameli abafezekileyo ababini ngokwaneikeka ko Mantyi —abameli aboCka bizibopelele kunye nangabanye ukuba ngabo abanetyala, be. ngena kuzilandulela nangantoni.

Indleko zocando nj do nj do, netayitile zohlaulwa ku Mantyi nokubo ngom nye umnto owonikwa igunya Iko ngalom. hla wefandesi.

Unotenga lowo wofika abhale mmqopiso ngezahlulo ezine neziblanu evuma ukuba woblaula inzala—eziponti ezine ngekulu, angati ukuba wayerole ngomhla wefandesi ngmpezulu kwesahlulo sesihlanu, aselewenzela umnqopist isisalela semali yentengo leyo. Unotenga woba nelungelo lokuhlaala lomini yonke mhlaumbi isahlulo semali yalomnqopiso, kungengapant si kwamashumi omablanu eponti.

Umfanekiso walemihlaba, kwakunye nezimiselo zefandesi, zingabonwa kwi efidyo Nocanda e Kapa, nakwi odei ye Mantyi e Matatiele.

J. TEMPLER HORNE,
Unocanda Omkulu.

Griqualand East.
{siqingata sase Matatiele.

Lot No. 7,718, umhlaba okwi Siqingata sase Matatiele, ubukulu 748 imokolo, 597 square roods. Uxhonywe nge £375 ; yendleko zocando nezinye £21 11/ ; 1 taitile 12/3.

Lot No 7,719, ubukulu 959 imokolo, 271 square toods. Uxhonywe nge £500 ; indleko zocando £22 5/; itaitile 12/3.

Lot No. 7,720, ubukulu 1,060 imokolo, 8 square roods, Uxhonywe nge £500 ; indleko zocando nezinye £30 2/6 ; itaitile 12/3.

Lot No, 7,721, ubukulu 474 imokolo, 88 square roods. Uxhonywe nge £2o0 ; indleko zocando nezinye £19 1/4; itaitile 12/3.

Lot No. 7,722, ubukulu 825 imokolo, 49 square roods. Uxhonywe nge £412 10/; indleko zecando nezinye £20 6,9; itaitile 12/3.

Lot No. 7,723, ubukulu 407 imokolo, 72 square roods. Uxhonywe nge £150; indleko zocando nezinye £17 7/1; itaitiie 12/3.

Lot No. 7,724, ubukulu 1,144 imokolo 267 square roods. Uxhonywe nge £570 ; indleko zocando nezinye £23 4d ; itaitiie 12,3.

Lot No. 7,725, ubukulu 1,505 imokolo, 428 square roods Uxhonywe nge £G00 ; indleko zocando nezinye £31 7,9 ; itaitiie 12/3.

Lot No. 7,726, ubukulu 875 imokolo, 26 square roods. Uxhonywe nge £330 ; indleko zocando nezinye; £24 18/6; itaitile 12 3.

Lot No. 7 727, ubukulu 678 imokolo, 478 square roods. Uxhonywe nge £340 ; indleko zocando nezinye £20 11/; itaitile 12/3

Lot No. 7,628, ubukulu 660 imokolo, 521 square roods Uxhonywe nge £330 ; indleko zocando £20 3/; itaitile 12 3

Lot No 7,720, ubukulu 791 imokolo, 537 square roods. Uxhonywe nge £380; indleko zocando £21 13/9; itaitile 12/3.

Lot No. 7,730, ubukulu 910 imokolo, 109 square roods. Uxhonywe nge £400; indleko zocando £27 8/6 ; itaitiie 12/3.

Lot No. 7,732, ubukulu 692 imokolo, 3al square roods. Uxhony we nge £350 ; indleko zocando £19 16/; itaitiie 12/3.

Lot No. 7,733, ubukulu 7 imokolo, 183 square roods Uxhonywe nge £360 ; indleko zocando £19 19, ; itaitile 12 3.

Lot No. 7,734, ubukulu 493 imokolo, 387 square roods Uxhonywe nge £250; indleko zocando £18 1/ ; itaitile 12,3.

Lot No. 7,735, ubukulu 971 imokolo, 458 square roods. Uxhonywe nge £ 180 ; Indleko zocandc £20 9/9 ; Itaitiie 12/3.

Lot No. 7,736, ubukulu 1,164 imokolo, 291 square roods. Uxhonywe nge £580; Indleko zocando £21 7/, Itaitile 12/3.

Ukuba Felkorneti base Ongeluk's Ktk.

Lot No. 7,737, ubukulu 978 imokolo, 401 equate roods. Uxhonywe nge £189 ; Indleko zocando £21 17/; Itaitile 12/3-

Ukumandla wase Mount Frere.

Lot No- 7,862, umhlabo emtsha kwisiqingata sase Mount Frets ekutiwa ngu Lot 4 C, ubukulu 319 square roods, 17 square feet. Uxhonywe nge £5 ; Indleko zocando £o 18.8, Itaitile 12/3.

Lot No. 7,863, ekutiwa nge Lot D, ubukulu 1 imokolo, 165 square roods, 77 square feet. Uxhonywe nge £7 10/; Indleko zocando £10 15/6 ; Itaitile 12/3.

Lot No. 7,864, ekutiwa ngu Lot C, ubukulu 1 imokolo, 164 square roods, 92 square feet. Uxhonywe nge £7 10/ ; Ind eko zocando £10 15/7 ; Itaitile 12/3.

Lot No, 7,865, ekutiwa ngu Lot F, ubukulu 300 square roods. Uxhonywe ngo £5 ; Indleko zocando £5 7/; Itaitile 12/3.

ISAZISO SA KOMKULU.-No. 29, 1895.
Kwi Ofisi Yonocanda e Kapa,
13 *March,* 1894.

NGOKWESIQENDU II So Mteto No. 15 we 1887, kuyaziswa apa kumntu wonke ukuba ezi iba zomhlaba wa Komkulu okumandla wase Monti, ziyakutengiswa nge fandesi pambi kwe efisi ka Mantyi e MONTI ngexesha leshumi kusasa., ngo MVULO, £7 MAY, ngokwezimiselo zalomtsto ungentle, nangezimiselo zelifandesi ezitalulweyo, ne zingati zixelwe ngalomhla wefandesi.

J. TEMPLER HORNE,
Unocanda Omkulu.

Kwi Siqingata Monti.
Kubu Felkornet No. 4.

Lot No. 7,738, ubukulu 12 imokolo, 119 square roods, 47 square feet. Uxhonywe pge £12; indleko zveandu £8; itaitiie 12/3,

Lot No. 7,739, ubukulu 8 imokolo, 7 square roods, 90 square f.et. Uxhonywe nge £8; indleko zocando £7 3/5 ; itaitiie 12/3.

Lot No. 7,7-10, ubukulu 208 imokolo, 120 square roods, 67 square feet.

Lot No. 7, nefama. Uxhonywe nge £104, indleko 'zocando £13 6 3; itaitiie 12/3.

Lot No. 7 741, ubukulu 174 imokolo, 397 square roods, 80 tquare feet. Uxhonywe nge £87; indleko zocando £15 10/; itaitille 12/3.

Lot Nc. 7 742. ubukulu 203 imokolo, 596 square roods, 64 square fa?t. Uxhonywe nge £102; indleko zecando £10 15/3; itai. tile 12/3

Lot No. 7 743. ubukulu 248 imokolo, 334 square roods, 103 square feet. Uxhonywe nge £125; indleko zocando £11 9/9 i itaitile 12/8

Lot No. 7,744, ubukulu 240 imokolo, 206 square roods. Uxhonywe nee £120; indleko zocando £18 16/7 ; itaitile 12/3

Lot No. 7,745, ubukulu 226 imokolo, 9 squarre roods Uxhonywe nge £213 ; indleko zocando £11 9/2 ; itaitiie 12/3.

Lot No. 7 746, ubukulu 200 imokolo, 168 square roods. Uxhonwe nge £100 ; indleko zocando £16 7; itaitile 12 3.

Lot No 7 747, ubukulu 87 imokolo, 355 square roods. Uxhonywe nge £44 ; indleko zocando £9 6 6 ; itaitile 12/3.

Lot No. 7,748, ubukulu 15 imokolo, 562 square roods. Uxhonywe nge £8 ; indleko zocando £9 12 G ; Itaitiie 12/3.

Lot No. 7,749. ubukulu 221 imokolo, 371 square roods. Uxhonywe nge £110; indleko zocando £12 1,1 ; itaitile 12/3.

Lot No. 7,750, ubukulu 169 imckolo, 173 square roods. Uxhenywo nge £85 ; ind'eko zceando £13 13/2; itaitile 12/3.

Lot No. 7,751, ubukulu 16 imokolo, 315 square roods. Uxhonywe nge £6 ; indleko zocando £8 3/6 ; itaitile 12/3.

Lot No. 7,752, ubukulu 74 imokolo, 73 square roeds, 182 rquaie feet. Uxhonywe nge £71 ; Indle ko zocando £10 10/; itaitile 12; 3.

ngu Felkornet No 6.

Lot No 7753, ubukulu 128 imokolo, 186 square roods. Uxhonywe nge £271, indleko zocando £13 8/6, Itaitilo 12/3.

Lot No 7754, ubukulu 133 imokolo, 250 square roods. Uxhonywe nge £293 ; India- ko zocando £18 11/6 Itaitile 12/3.

Kwi Siqingata sase Monti.

Kumtana oyi Cambridge.

Lot No 1, ubukulu 42 square roods 75 square feet. Uxhonywe nge £3, indleko zocando £16/

Lot No 4, ubukulu 42 square roods, 73 square feet. Uxhonywe nge £3, indleko zocando £1 6/.

Lot No 5, ubukukulu 42 square roods, 75 square feet. Uxhonywe nge £3, indleko zocando £1 6/.

Kwi Dolopu yase Monti pesha kwe Cweba.

Lot No 78, ubukulu 42 square roods 75 square feet. Uxhonywe nge £10, indleko zocando £1 6/.

Lot No 79, ubukulu 42 square roods, 75 square feet. Uxhonywe nge £10, indleko zocando £1 6/.

Lot No 82, ubukulu 43 square roods 55 square feet. Uxhonywe nge £10, indleko zocando £1 6/.

Lot No 94, ubukulu 42 square roods 75 square feet. Uxhonywe nge £10, indleko zocando £1 6/.

Lot No 95, ubukalu 42 square roods, 122 square feet. Uxhonywe nge £10, indleko zocando £1 6/.

Lot No 96. ulnkulu 42 square' roods/75 square feet. Uxhonywe ngo £10; indleko zocanda £1 6s.

Lot No. 97, ubukulu 42 square roods, 75 square feet. Indleko zocando, £1 6s.

Lot No 98, ubukulu 42 square roods, 75 square feet, Uxhonywe nge £10. Indleko zocando, £1 63.

Lot No. 99, ubukulu 42 square roods, 75 square feet. Uxhonywe nge £10 ; indleko zocando, £1 6s.

Lot No. 100, ul ukulu 42 square roods, 75 square feet. Uxhonywe 1 ge £10 ; indleko zocando, £1 63.

Lot No. 101, ubukulu 42 square roods, 122 square feet Uxhonywe nge £10; indleko zocando, £1 6s.

Lot No 102, ubukulu 42 square roods, 122 squaie feet. Uxhouywe nge £10, indleko zocando £1 6/.

Lot No 103, ubukulu 42 square r:ods 75 square feet. Uxhonywe nge £10, indleko zocando £1 6/.

Kwi Dolopu yase Monti nganeno kwe Cweba

Lot No 8, ubukulu 42 square roods, 75 square feet. Uxhonywe nge £50, indleko zocando £1 6/.

ISAZISO SAKOMKULU.—No. 366, 1895.

KUYAZISWA ukuba u Mr. F. BADUE, onesiqiniselo (License), ngokomteto No 37 we 1882, salomhlaba ungezantsi, ute ngekwo Siqendu se 12 salomteto ungentla, wacela imvumo yokuwudulissla ku Mr. E. F. GERNETZKY.

CHARLES CURRRY, Unobh la Ongapantsi we Sebe Lokulima.

Kwi Siqingata sase Qonce,
Kuba Felkorntt No. 3.

Licence No. 1026, umh'aba okwi Siqingata sase Qonce, kubu Felkornet No. 3, ongu Lot 28, e Debe Flats. Ubukulu : 37 imokolo 524 squaie roods; ngasentla umelene no Lot 29, ngezantsi ngumhlaba olunge kwa Kama, ngasempumalanga ntse ntshonalanga yindlela yenqwelo.

ISAZISO SAKOMKULU.—No. 418, 1895.
Kwi Sebe Lokulima,
17 *April,* 1895.

KUYAZISWA apa ukuba Umpatiswa wa Lifa lomfi u JOHN GIDEON ROUX, owaye ne Licence, ngoko Mteto No. 37 ka 1882, yesi zityana somlaba cchaziweyo ngezantsi, ute, ngokwe Siqendu 12 salo Mteto ukankanyiweyo, wacela imvumelo yokuba ayiguqulele i License kwigama lika Mr. JOHN PAYNE.

CHARLES CURREY, Umbhali Ongapantsi we Lokulima.

Griqualand East (Embo).

Kumandla wase Maclear (Endenxa.) Licence No, 1,032. Isiziba somblaba eei Kumandla wase Ndenxs, Griqualand East, ongu Let 8, Mtoi River, ubukulu 200 imokolo, umi ngentla empumalanga nge Fairnbirn, ngezantsi empumalanga nge Tise FernPool, empumalanga nge Fer: side, ngentla entthonala ngango Lot No. 7, entshonalanga ngodenga olungapakati lwe M001 River.

H.& J.HENRY

BAFIKELWE ngezintsuku yilemikondo ilandelayo; abanga bangaziccla ingqondo zabufunda be IMVO " ngendawo yobuhle nobuncinano bexabiso.

Ikumtye ne Sosi 4/6 ngedazini
Ipleti 3/- ngedazini
Ibesini 2d. inye
Ijoko Zobisi 2/3 qgeqela lezintatu
Iglasi zokusela 2/11 ngedazini
Ipani zokugcada ziqala 1/-
Isospani ziqala 1/3
Iketile 2 9

CAMBRIDGE ROAD,
KING WILLIAMS TOWN

DYER & DYER, Limited
E-QONCE,

ABAZEKA kunene ngokunika ezona zinto zexabiso clino- kubako kubaxasi babo ngemali yabo, bayanicela ukuba nike nizo kubona impahla yabo pambi kokuba nitenge kwezinye indawo naniya kufumana okokuba zezona zexabiso elilungileyo kwelilizwe.

Izinxibo! Iblankete!
Ityali! Iminqwazi Ihempe!
Izihlangu

EZAMADODA ISUTI..... Ziqala kwi 11'6 ku 50,-
Do. IHEMPE ..... do. 9d ku 4'-
IMINQWAZI YAMADODA..... ' ... do. 1'6 kwe 6'-
EZAMADODA IBHULUKWE ZE KODI ... do. 4 6 kuse 10/-
Do. do. TWIDI ... do. 3 9 kuse 20/-
Do. IZIHLANGU (BLUCHERS) do. 4 9

Ezokutshata Isuti

Ibhatyi ze I'widi emnyama no Saluvayi ngamanani onke Ibhulukwe ezipolileyo ze Twidi, njalo-njalo.

Ezabafundisi Impahla Zentlobo Zonke- Eyabafundisi Iminqwazi, Ikola, njalo-njalo

Kwa DYER no DYER, Limited
KING WILLIAMSTOWN.

Beauchamp, Booth &Co.
Qonce

ITYALI EZINTSHA!
ZISAND' UKUFIKA.

YIZANI NIBONE!
ZIYAKUNIMANGALISA.

Zezentlobo ezigqibeleleyo zofani ngofani ezingazange zibeko apa e QUONCE.

Bonke abavela ngapandla bebefanelwe kukuza kubona NETYALI ZOBUGQI ngapambi kokuba batenge kwezinye Ivenkile.

Beauchamp, Booth & Co,
E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN

INDLU yase LONDON
CAMBRIDGE

INDLU engalityalvvayo ngempahla yayo ENTLE ILUNGILE kodwa amanani engapantsi. Ngoku, pakati kwempahla ekoyo kubalulwa :—

Iblankete, Ingubo Zamadoda, Iprinti, Ityali, azifani nampahla apa.
Iheshemiya zamabala onke zeqiya zamanene- - kazi

IWATSHA amaxesha ezingafuni zitshixo ezilunge kunene nge 116
Izimanga zamaxabiso nge Wotshi ezifezekileyo kanye 15'
Wotshi nempahla zilunyelwa nakuyipina indawo umntu etamele lipepa
3 *Mall lase Posi,*

W. LEE &CO
KING WILLIAMS TOWN-

NO. 13.

R. SYMONS,
KWISHISHIKI LASE QONCE LE NQWELO NE KALI,

UCELA iroba emzini obanzi ontsundu nomhlope ukuvakalisa ukuba unento eninzi yempahla elungiselelweyo ngenyameko ezi Kali ne Bagi, njalo-njalo.

Abafuna ukutenga bangaba benzo into yengqondo ukuba baqale ngokumhambela okanye batumela ukubona lempahla ngapambi kokuba babhekise kwezinye indawo.

Ihanesi (zehashe elinye nezamabini) nezibepu zekari ngamaxabiso awona ate nca pan tsi ngoku totywa.

Nabakude banokuv'sisana naye ngento abazifunayo zale mikondo.

SINGISANI KUYE ! BHALELANI KUYE !!

R. SYMONS
BUFFALO WAGON AND CARRIAGE WORKS, KING WILLIAMS TOWN.

IFANDESI! IFANDESI

AMA-HEPWORTH, LIMITED,

IFANDESI ELIKULU LEZINXIBO
LIQALA NGE
FEBRUARY 23, Intsuku zibe Mbalwa Kupela.

EZAMAKWENKWE ISUTI nge 4/-, bezifadula 9,6
5, „ 12/6
EZAMADODA „ 15/6, „ 35'-
„ 21/- „ 42/-
Izisulu ze Bhatyi, Ihempe Zanga, Pantsi, ne Bulukwe

Izisulu kubo bonke! Yizani msinya nifamane ezona zisulu kwa

Ama-HEPWORTH (Limited),
E Maclean Street,
E QONCE .-

Kuko Elitye Lokusila,
—NO-
MASH IN BOKUBHULA.

ABANIN I BALO NGO

HAMBIDGE NO MORRIS.

BACELA ukwazisa abalimi bengqolowa nombona okokuba bane Litye elifezekileyo lokusila nokubhula—elino Mashini bababini okubhula. Abacinezela i steel nabantlaka amatye nabalungisa i silika ne ivayari abalungisa ingqolowa bayikete. Kwenziwa umsebenzi wonke.

WONKE UMSEBENZI UFUWGELWA UBUHLE.
Eka LITTle IDIPU Yegusha



Engamanzi Nengumgubo Inetyefu yeyona igqibeleleyo
Ayinatyefu' itembeke ngokugqite zonke

TSHIPU IZIGQITA ZONKE

AMAGOSA -AYO

DYER & DYER, LIMITED.

Abantu banokucela kwivenkileni abamelene nazo ukuba zibafunele.

KANGELA APA!

O BARER, BAKER & CO
E QONCE.

BATENGISA ZONKE INTLOBO

ZEMPAHLA NENGUBO

NGAMANANI ATOTYIWEYO KAKULU.

I Lokwe Zamatombazana Nabafazi—I Tyali— Bhatyi —I Minqwazi.

I PRINTI—I SATINI—NEMICAKO.

Ezamadoda, Ezamakwenkwe Izinxibo— Bhatyi— Bulukwe, I Minqwazi—I Hempe—I Zihlangu.

YONKE INTO NGAMANANI ATOTYIWEYO.

KWA BAKER, BAKER & CO.
E QONCE.

LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,

SINGENISE KWELI LIZWE

IBLANKETE ZOBOYA.

EZILUKWE NGOBUGCISA OBU BODWA, Igama lazo yi EXTRA NAVY or MATTROSS:'

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlbbo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo Iwemifa nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZE ZINGATANDATYUZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkele enitenga Kuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

Peacock Bros. & Weir.
E QONCE.

Manenekazi! Manenekazi!!

Ke nasivana isimanga esikwa

kwa FOLOKOCO (PASCOE)

Kanipose amehlo enu kule Lokwe Imhlope ye SATIN, esikwe yanje nokuba m kungentando yomntu *£1* 10s kupela! Lilo eli ikaya

Itlokwe zabatshakazi e-Qonce.

, Impahla Zokutshata zamanenekazi nezamanene zilapa. Ziyalala zifuna umvusi yizani zingekapeli.

Ngu FOLOKOCO

ngokwake ' SALUF.'

Niugahbah ukuba ilokwe idolwe kusasa we ngebrekfesi igqitywa ukutshona kwe langa.

Yonke ilokwc ziyalinganiswa pambi kokuba zigqitywe ukuze imfanele umniniyo. Inenekazi elitunga ingubo zetu livela e London pesheya.

Abo bangenako ukulongopa mabatete lsiXosa. Baze abo bangenako ukuteta IsiXosa bakumshe. Baze bangenako ukumsha, bahlale batitule bangateti.

Ningalibali apo ukona u FOLOKOCO ezantsi kwe Malika yama Skotshi e QONCE, nakwi bala le Malike e CALA.

I Yeka COOPER Inkunqele



UYAKUYIBULALA INDIMONI MLINGENI

Abantu banokuyaleza kwi Venkile zabo zibhalele kubaniniyo.

lyeza elingummangaliso.

BEECHAM'S PILLS!

Zikulungelo Ukuqunjelwa nczinye intlungu, ezinje ugo Moya ne Ntlungu e Siswini Intloko Ebulalayo, Ukuba nesi Yesi, lutluta nokuqunjelwa emva Kokutya Ukupitizola kwe'Ntloko, Nobundongela, Ukuqaqazela Yingqele, Jinfudumalo Zobusbushu, Uinnquma, Ukupofmnla Okuqupayo (Ipika), Ukungayi Ngasese, Ukujaduka Komzitnba, Ukungalali Kamnandi, Amapupa Awoyikekayo, nako konke Ukungcangcazela, n.jalo njalo. IDOSI YO- KUQALA INOKUNCEDA KWISITUBA SEMIZUZU ENGAMASHUMI MABINI-- Asintsomi lonto. Umlwelwe ngamnye ucelwa ukuba utate ibhokisana yezi Pills, ziya kuvunywa ukuba ibhokisana yazo " ifanele i Ponti enesheleni."

I PILLS ziKa BITSHIM, zitatwe ngemigaqo emisehvoyo, zibehle ziwapilise ngqe ainankazana. Azedendi ukupilisa inqu mzimba,

Kwi Sisu esi Butataka; Nokungatandi Kutya ; Nesibindi Esingapililoyo : zisebenza ngobugqi:—idosi ezimbalwa zeuza impiliso engummangaliso kwanamalungu Ayinqobo Emntwini; Zoineleza misipa; zibuyisa intlahla yomntu obesekudala yamsabayo ; zenza ukuba ubani abuye akutande bukali ukutva, zivuselela BONKE UBUHLK BE MPILO NENKUTALO YOMZIMBA woimitu, ezi Pilisi zidume ngokukodwa ekupiliseni Icesina kumazwe ashushu. Ezi "zinyaniso" ezivunywa yinyambalala yabantu, kuzo zonke indidi zabantu, obunye ubungqina obupeleleyo ngobutataka bobu bokuba i *Pilisi zika Bitshim lelona yeza lilengwayo ngapezu kwawo onke akoyo apa cmhlabeni,* Incazo ezeleyo ebhokisaneni nganye.

Lenziwa ngu THOMAS BEECHAM kupela, e St. Helens,'Lancashire, England.

Litengiswa ngabapitikevi mayeza bonke ezi Kolonini.

Umchiza ka Banting Wokohlelo

WASE SOUTH AFRICA,

ELIYEZA ngapandle kokuketa lelona libaluleke ngokunyanga INKOHLONKOHLO, INGQELE, nezinye izifo ezisesifubeni somntu eseke lafunyanwa.

Lipilisa kanye Imiqala Ebuhlungu, nezinye izinto ezimana zikataza isifuba ezibe zisoyisa onke amanye amayeza akoyo kweli lizwe. Bonke ke ngoko abangaba banezi zifo zixelwayo, mabakc balinge kamsihyanc kulomciza.

Linokofunyanwa kwi Ncllu Zamayeza nasezi Venkileni.

ABANINILO :

B. G. LENNON, EMONTI.

GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.



IBLAUZI EZIMABALABALA EZIZIHEMPE (zinekala ezomeleleyo nozihlahla) 2/6.

GIBBERD NO BRYANT,
KING WILLIAMS TOWN.



UMKONDO WE YUNONI.

Ikomponi Yenqanawa ye Yunoni

OSTEMELE BASUKA EMONTI Ngoluhlobo)

Ukuya E NATALA, naayela Ngolwesi Tatu kanye ngaveki mbini
„ „ E ZANZIBAR, mayela Ngo Mvulo Wesine we Nyanga
„ „ E DELAGOA BAY, mayela Yonke Imivulo
„ KUMAMAZIBUKO eli ne NGILANE, mayela Yonke Imivulo

Ofuna ulcuqonda ngapezulu angabhekisa kwi Arente zetu:

DYER & DYER, Limited ... King Williams Town nase Monti
JAS. HODGES & CO. ... Queens Town.
... Aliwal North
... Molteno

F. SEYMOUR DENT

(Obesakuba ngowe shishini lo G. DENT no NYANA, e London, nangase ntshonalanga Engilane)

Umenzi-Wotshi Wezivato Ezicikizekileyo,

UVULILE ISIKHSHINI KWA KOMANI

NGENXA yokunikelwa kwe Wotshi ... ngenamava ukuba zilungiswe ngarnakulu ati apatwe kakubi kanye ngangokuba onakale konkena angabi saba nakuncedwa bani. Umsebenzi apa ongxakangxaka nocikizekileyo wentsimbi elihambisayo, no wotshi zodidi olupakamileyo—ufuna eyona mpato icikizekileyo nowona msebenzi wobulumko, isiposwana esincinane ekufakeni nase kulungelelisen i senza ukuba iwotshi konkena ingabi naluncedo kweyona nto inxityelwa yona yokuba ngu Mgcini-Xesha Otembekileyo. Kusebenza udidi lokuqala kupela Lwabasebenzi bela Mangesi. Ukulungiswa kwenziwa *ngamaxabiso ayihala- u nakuwapi apa e Koloni.*

Ukuvavanya ubunyaniso bale nteto ka utate amanani o Menzi-Wotshi wela kowenu nawatu, ngokwenjenje uya kuzincipisela indleko ngesiqingata sipela; kuko nokuqiniseka ukuba intsimbi yako yarnaxesha ayisakukukataza unyaka wonke ubu- ncinane bexesha (kubekwa bucala ukwapuka). Ngawo la amanye amaxabiso am :— Ukuhonjiswa nokuhlnnjwa kwe wotshi kuqala 3s 6d I Curb Alberts Zamanene eziyi 9 carats, Ukuhlaujwa nokulungiswa kwe wotshi ue ngo mlingo we ounce, ziqala kwi ... £1 17s 6d spring esikulu esitsha kuqala kwi...............5s Iwotshi Zamanenekazi Zegolide (zifunge- Ukucokiswa kwe Kloko (zonke intlobo) from 3s 6.1 ziQala kwi ... ... £1 5s Wnuhi v Vwi Cl Iwotshi elungileyo kanye (Ezingxowane- Igilasi ze M otshi z.qala kwi .... 6d Kumkani, nesifunge- Izitshixo ze Wotshi ziqalii kwi ... ... 3d Iweyo seminyakti emihlanu) ziQala kwi £2 5s Iwotshi Zamanenekazi ze Golide (zifungelwe i Waterbury nezelaina Swiss Iwotshi (e- ukuba azingetengwe nakuyipina Ivenkille zigcina amaxesha) ziq&la kwi................ 7s 6d Koloni apa ngapantsi kwe 25s no 30s) elatn 10s 6d Imisesane Yokutshata ne Kipa ziqala ... 10s Iwotshi eziyi English Lever zodidi lokuqala Imisesane Yokungeja yo Dayimani, zibe , (zifungelwe) ziqala kwi .... £1 17s 6d |ntatu i Dayimani zenene zona 30s ngeposi .

Ukulungiswa kwentsimbi zentlobo zonke, ukuguqulwa, ukufakwa kanjazo ukuzi; sula izitya zentsimbi njengokungati zitsha, kwenziwa ngexabiso elungapantsi kwelayo nyipiua indlu e Koloni apa nge keshi kupela.

Paulani uhlobo lokubhalela F. SEYMOUR DENT, "The Clock,' QUEENS TOWN.

Kubonakale ngapandle kwamatanda ukuba Ivenkile ekutima yi

BRIGHTON HOUSE, KWI PARLIMEM STREET, E BHAI,

Yeyona itshipu neyona Venkile ilungileyo kuzo zonke izinto ZEZINXIBO NE- ZIVATO ZAMANENEKAZI. Siwacela ngentliziyo amanenekazi ukuba asitye- lele azokubona impahla yetu eketiweyo ye DREril EZINTLE: *I Printi ezivaswayo nezi-honjesiweyo ; I Nun's Veil; I Ubini ezitandeka buhlangu ; iminqwaziyefashoni; Izingxobo Zezandla; Ityali; I Kausi; Intyantyambo, iqiyaze silika; ubuqolo ; ngenenc yonke into enganqwenelwa linenekazi.*

YITANI KWASU KWANCOKU NIZE KUZI BONELA NGOKWENU.

Faulani uhlobo lokubhalela, nendawo e kayo le venkile

BRIGHTON HOUSE, Parliament Street,
THIS HILL, POBT ELIZABETH.

PEACOCK BROS. NO WEIR,

E KOMANI,

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

lhabile, Ezinkozo, Inqholowa/ Irasi, Imbotyi, I-ertyis, Ombona, Amazimba. bahlele benaw o.

BON MARCHE

JOHN W. BAYES & CO., GRAHAMSTOWN.

IVENKILE ENKULU ENTSHA,

(Ene Veranda ne Tawa ekoneni ye Bathust Street ne Bala le Tyalike ka Bishop.)

Yeyona VENKILE ITSHIPU kwimpahla Yendidi zonke—KUMADODA NAKUBAFAZI.

Ifelane, Amabhayi, o Matros Boboya, Ingcawa, Ifurini (Winseys), Iflenelana 33d ngeyadi, Itaweli 3d inye, Izinto Zokugqubutela Ingcawa, Iprinti Ezibukali zama Jamani 6Id ngeyadi, Ikeshmiya ezi Blanket nezimabalabala, Ityali Ezimnyama Nezimabalabala, Idyasi Zamadoda Ezinzima 10s. 6d., Ibhulukwe Zekodi 4s. 9d., Ibhatyi Zekodi 6s. Neminqwazi ezi Felt.

Ibhaso Leshelcni Unikiva kwi Ponti nganye umntu atenge ngayo.

IZITOFU EZIHLE ZELOKWE ZOKUTSHATA ZIKO KANOBOM.

JOHN W. BAYES & CO., GRAHAMSTOWN, ERINI

IFAM EQESHAYO

O GAMA. lingezantsi uyazisa bonke ukuba une Fama Eqeshisayo kwi Siqingata sase MACLEAR, ekutiwa yi "ISUNNY SLOPE," ekubukulu buzi mokolo ezili 1G00, yaye ilungele Ukulima Nokudlisa Impahla; waye enomnqweno wokuyisbiya kumadoda amane aya kuyiqepha ngama £80 ngonyaka. Kufuneka iblaulwe nge Sesimani.

Ngalomcimbi bbalelani kwi Gqweta u RUSSELL, e Maclear, nokuba kukum,

S. D, SNOOKE,
Cofimvaba, St. Marks.

Ukwasizana Kwezihlobo Abazelweyo.

TENGO-JABAVU.—E Kingwilliamstown ngo 20 April, 1895, u Mrs. Tengo- Jabavu ufumene UNYANA,

SOBEKWA.—U Mra. John Sobekwa wase Tongwane, kwa Miya, ufumene INTONI ngolwesi Bini, 16 April, 1895, e Hlobo, e. ranskei. Izihlobo mazivuyisane nati. 225 si

GULWA.—E Mnyameni, Keiskama Hoek, ! pambi kwa dinala ngo 12 o'clock, ;o Mgqibelo, 27 April, 1895, u Mrs. T. D. k ulwa ubeleke UNYANA Walekela intombi mfanyanwa ngo April 15, 1893 295

UKWAZISA.

NDILAHLEKELWE sisi Qiniselo (Share) sam e Cuyler Manor, I btenhage, endasitabatayo e Tinara, o sine gama elingu GEORGE LUMBA (nakubeni igama lam lingu George Lange). , ndiyi member ye African and American Working Men's Union. 395

Ndim otobekileyo wako,
GEORGE LANGE.
95 Aberdeen

WANTED

TEACHER (Certificated) for Boys' School, Emgwali. Salary £40 and School Fees.
Apply to

REV. A. WELSH,Emgwali, Dohne.

Ukuvulwa kwe Tyalike yaselu Papasi,
E BATENJINI.

ETYALIKE iya kuvulwa ngolwesi NE, MAY 9, 1895. Kulindelwe abafundisi abaliqela ngalomini, no Nkosi Dali idyebo. Umzi nyamenywa kaknln.

SOLOMON KALIPA.

IZAZISO KUBAXHASI.

Kuyaziswa ukuba zonke incwadi ezingemicimbi ye "Mvo Neliso , lomzi" kufuneka zitunyelwe ku Tengo-Jabavu, nokuba ngazeke sipendula ezipuma ngamagama ibancediai kule ofisi. Kubako ngxakeko enqubeni yomsebenzi ngamanye amaxesha' zakutunyewa ngamagama abancedisi.
April 2.

Imvo Neliso Lomzi

NGOLWESI-NE, MAY 2, 1895.

IVEKI.

IPALAMENTE ivulwe namhla.

ISIFO samahashe nenkumbi—ezonto ubinqisile ngase Qumra.

KULUSIZI ukuvakalisa ukuba u Mr. H. E. Tshatshu wakwa Buluneli ugqite pezolo.

I TEA-MEETING yase Cookhouse ebeyenzelwe ukuhlaulelwa kwendlu yomfundisi ivelise £13.

INKULU yama Salvation u General Booth uzimisel' ukutyelela kweli kwixa lenyanga ezintandatu.

INQANAWA engu Derby iqekcke kufupi ne Cape S. Francis ngase Bai. Kutshone isinc somatoloshc.

SELOKO kwati kwatandazwa yati impilo ka Mr. Reitz Umongameli we Free State yabekisela ebubeteleni.

U REV. THOMAS COOK owake wahambela kweli, uyasikeleleka umsebenzi wake wemvuselelo e New Zealand.

XA utenga mhlaimbi ubalela kwi venkile ezine zaziso wamsakulilibala ukulikankanya igama le Mvo.—ST.

IXABISO le daimani ezipume e Kimberley ngonyaka ogqitileyo Jibe ngama £3,350,635. Ikarat ikolisa ngokuba yi £1 4s. 5d.

U MR. JUSTICE MAASDORF ne nkosikazi bakwele kwinqanawa eyi Scot basinga Engilani okwexesha lenyanga ezintandatu.

AYINENE into yokuba u Mr. T. E. Fuller, M.L.A. ubenikwa isihlalo sokuba Liliso laic Koloni Pesheya waza wasi man gala.

INKWENKWANA yomlungu ibulewe ngumashini e Mgungundlovu. Uyite cu ngesondo wayisengela engozini, yafa ngepanyazo.

INGOZI enkulu yenziwe kuqekeka kwe dam e Espinal, e France, ekuntywiliselwe abantu aba 120; lati ikulu lonakalelwa zizindlu zalo.

UMNUMZANA wase Kapa u Mr. C. R. Eaton osand' ukulishiya elilizwe, ushiye £20,000 ukuba ilungiselele amahlwempu nemilwelwc yase Kapa.

ABASEBENZI abakwishishini lezixatula Engilane basuke bawulahla ngamininye lomsebenzi ngokuvukelana nenkosi zabo. Yinkohla akuko unokuyilamla lompambano,

AMA Yeputa inkolo yawo yeyokuba umpefumlo womntu upela kunye nokubola komzimba, seso sizatu lento izidumbu azigcwayela izinto zokuba zize zingaboli.

AMANENE azihandiba zase Johannesburg adibene ngo Mvulo agqiba kwelokuba ahlanganise imali eku £50,000 kumiswe isikolo esiyakuba ngapandle kolaulo Iwase Transvaal. Umnumzana ongu Mr. Ekstein uyikokele impi ngokurola £1,000.

INTLAULO yepepa ayinyuswanga kunye nokwandiswa kwalo, kuba bekutenjwe ukuba wonke ongumlesi walo woti enze umgudu oyakuba nesiqamo, ukuba angenise ubupantsi nokuba mnye umntu omtsha wokuhanjelwa yi Mvo NELISO LOMZI. Lonto siyijongile kuye wonke.—ST.

UTSHINTSHO lwemantyi olusand' ukubbngezwa lumi ngoluhlobo : u Mr. Holt Okes obese Hay uya e Victoria West apo ibingu Mr. English opumla ngobudala; u Mr. A. S. Hoole obese Philipstown uya e Hay; u Mr. A. B. van Ryneveld obese Kenhardt uya e Philipstown ; u Mr. F. Wrensch obese Pearston uya e Kenhardt; u Mr. J. T. Wylde obese Beaufort West uya e Queenstown ; u Mr. W. G. Blenkins obese Herschel uya e Beaufort West; u Mr. F. Whittham obese Stuttcrheim uya e Herschel; aze u Mr. Peter Dreyer obesisandla e Kapa aye e Prieska; abe u Mr. S. Tilney wase Prieska esinga e Barkly East.

ISIPELO SENGXOXO.

KWELEPELILEYO ipepa sifake isipelosengxoxoyo Mteto we Glen Grey esinexesha elide imana siyicubunga sishicilela kuxoxwa kwawo li Bandla ! lenza imiteto yelilizwe, saye sicolelele ukude siyiti tsololo yonke , ngxoxo yawo. Izizatu sokuba so Mteto siwucoselele kangaka ukuba awenzelwe ndawo inye— Glen Grey lodwa wenzelwe lonke lizwe lase Afrika ukutatela ezantsi , lwandle kude kuse ezincamini zipezulu zokupela kwayo koma llegeria kuyokuma Ngolwandle olu Bomvu. Wenzelwe wonke umntu mnyama ose zweni lase Afrika, Glen Grey le seliligama kodwa awo kuba isizekabani sokwenziwa lwawo sasingumhlaba wase Glen Grey. Amadoda amakulu nanengqondo abewulandela lo Mteto ikuxoxweni kwawo aya kungqinelana nati ngeliti, mkulu kangango uba abantu abaninzi nabaiundileyo ibasitele, abawuqondi. Sizikataze ngokuwuquba ukupakela umzi ngetemba lokuba kobako abambalwa ibawuqondayo abayakukwazi ukubalisa xa sezisenzeka ezizinto; nokuba azenzekanga kwangoku, sine temba lokuba ezingxoxo sizishicileleyo zoba luncedo kwisizukulwana esizayo, kokona singasokukala ngeliti kwakutenina ukuba lo Mteto singawubhengezi, Ukutsho ke kumaxa ungaba awuqetulwanga.

I GLEN GREY KWAKONA.

NOKUBA sebesenza ntonina ababedeshi balo Mteto we Glen Grey, awusoze ube tamsanqa abanga bona singakolelwa ukuba ulilo. Pezu kokuba uya kuba finyeza abasebenzi, uya kudala ingozi engu napakade pakati kwaba qeshi nabaqeshwa ekuya kutata iminyaka emininzi ukuyishenxisa longozi. Kweli lizwe soloko abantu badinga ngokuswela umsebenzi, yiyo lento singaboniyo ukuba le ''Rafu Yamavila" yeyantonina Zonke inyanga kumana ukumka amakulukulu namawaka eya kufuna umsebenzi e Dayimani nase malahleni, nakwezinye indawo, suke sibabone abanye bebuya besiti abawufumani. Watyapa u Rev. J. P. RITCHIE wase Komani ukuteta ngalonto entlanganisweni ye Nkulu eyayikona, nangona siva kakubi ngokungamkeleki kwesiqu sake apo besilindele ukuba inene elifundileyo, laza langu mfundisi okudidi olupambili njengo Mr. RITCHIElo, belifanelwe kuhlonelwa Lento ibonisa ukukauleza kokuqengqeleka kwabantu bakuhendwa sitixo. Sinenkolo yokuba isipelo salomteto we Glen Grey siya ku bonakalisa ubutyamtyam nokunga- binto kwawo. Siva ukuba izipata mandla zase Lady Frere ziyaqala ukuqonda ukuba kuko ubugaxagaxa obukulu kwesi siqendu serafu ecapukisayo yamavila. Kubonakale ukuba akuko mntu unttundu unga- sebenziyo kwesi siqingata. Sivu yiswa kukuva ukuba Inkulu ayiwunyanzeli ngamandia lo Mteto, ityekele entetweni yayo. Lento ke ayiwonwabisile umzi we Nkosazana, kanjako ilihlazo, ingafani naye no Rulumente. Woti ukuze ube nendawana yokwamkeleka lomteto ike iwubotoze le Palamente izayo. Abaxhasi bawo baya kumangaliswa bakubona e Palamente izibongozo ezivela pesheya kwe Nciba, kwa nengxelo zokuquba kwawo kwelo nase ba Tenjini. Bate ngoku aba- nini mteto bakuqonda ukuba akuko mntu ungasebenziyo eba Tenjini bawucukuceza ukuwucanda umhlaba benza imokolo ngane ekubeni beziku 20 ne 15. lyabalilisa ke lonto abantu kuba bahlutwa ama- simi abebe walima kwakudala, kwenziwa iqinga lokuba hlwempuzisa kuba abanakuhlala emakaya pezu kwezo mokolo zine. Namadlelo ayancitshiswa ngo nocanda, kanti e Bandla kwakungati kuvunyelwene ukuba idlelo ize libe lelaneleyo. Kubonakala ukuba ezi ziziba, ezinye zimokolo 3, ziya kusala bakwabelwa abantu ziya kunikwa abavela kwezinye indawo. Inani lezi ziziba ligqite kude kubantu abazifunayo. Ngati abantu abayiqondi ingozi esitsalelwa kuyo ngale Rafu Yamavila, kodwa iko imini abaya kuzohlwaya ngayo ababantu bayamkela yonke into etetwa yi Nkulu Mbuso njenge vangeli.

UKWENZIWA KWAMANYILA

KUKO inqanam esinga singalalatela abalesi betu kulo Mteto we Glen Grey ebelikade lisitele lingazange lalatwe nanga malungu e Palamente isadibene, nasezintetweni zawo zasemva kwayo, nase zintlanganisweni zencaso yalomteto, nase mapepeni, nase mitandazweni eya ku Rulumente wase Ngilane nowa lapa. Ngalo Mteto kufuneka abantsundu beshiye amakaya abo apo bakuselweyo embujisweni ye ndlololi bayanyanzelwa ukuba baye koma Johannesburg, noma Rini, noma Kimbili, nase Monti, nakwezinye indawo. Esikulo siti aba bantu bapantsi kwepiko lalo Mteto, nokuba base makaya nokuba bapina, balusapo Iwalo Mteto mkulu we Afrika ipela. Okokuba lo Mteto awubakuseli eziselweni nxa bemkileyo emakayeni abo, siti maucinywe ungabiko kanye, awunamsebenzi, ukohlakele. Wonke ubani ushiya ikaya lake aye emsebenzini nokuba uya mlambo mnina, nokuba kuse Ngilane, nase Australia, nase Merika, ehanjiswa ngulo Mteto nje, apo abhadula kona kufuneka umkhusele eziselweni ezinxilisayo. Alike ke elo nqanam kulo mteto; pezu kokuba kunjalo ipepa lama Wesile i *Methodist* liya wuhlanganisela lo mteto. Akwaba i Nkomfa yama Wesile ebidibene e Rini ibelivakalise uluvo lwayo ngalo mcimbi ukuze siqonde ukuba eli Ipepa liteta uluvo lwama Wesile epelana, nokuba luluvo lwalo. Yinto eyaziwpyo kakulu ukuba izihlobo zetu ezigqobhokileyo azifuni ukuba onyana bazo baye ezidolopini ngokoyikela ukuginywa yindloloti. Baninzi esibaziyo nati abemka emakayeni abo befanelekile, kodwa bayintoni namhlanje ? Sebe zindlavini butywala. Abanye abasoze bagoduke, abanye baya kugoduka sebe ngamaxekexwa angasena kusebenza, babe ngumtwalo emakaya. Mayingalityalwa ke lento yokuba aba bantu ngaba bazakuba ngama lungu ama Bhunga ezi Qingata nabanyuli malungu e Palamente. Ukuba lamalungu e Palamente enze lomteto ake ayibone lento ke siyibone tina ; ukuba ama Wesile amelwe yi *South African Methodist* ake ayibone—lento yemirozo edla ngokutwala amajoma endloloti abaya kuzibulala ngayo abantu abantsundu—ngebedibana babe lumanyano lokulwa ngamandia nolutshaba lukulu oluza kucima uhlanga lonke lupela Iweli lizwe. Ayepina ama Tempile lento angavakaliyo ngalomteto ? Zipina intlanganiso ? Ayepina aniaciko omnqamlezo ? Akuseko ma Ngesi enyani na kule Koloni ? Siya kusonga izandla sibonelena abe amakulukulu aba bantu eshiya amakaya neziqingata, nentsapo yawo eya kutshatyalaliswa na ? Baya kugeinwa ngubanina abahlolokazi nenkedama zabo ? Tetani mzi. Umntu oshiya ikaya lake ngenxa yalomteto mawumku- sele nokuba uyapina; lo mteto mauqonde ukuba bagoduka bengemanxila. Okokuba awuyenzi lonto lomteto mawubulawe kube kanye ungabiko.

ABATUNYWA.

UMZI wasemaMfengwini pesheya kwe Nciba awuzimisele okokuba inteto yawo ifumane iduke nje emoyeni kuba ngoku kaloku sekukupela koku- kona kulwa kwetu ukuteta, singayeki kwinto esukuba sisinalaliswa ngayo ngu Rulumente njengalo Mteto wase Glen Grey, ngokukodwa irafu yamavila. U Mhleli welipepa ufumene ucingo lokumcela ukuba apeleke impi yamapesheya kwe Nciba ukuya kwaneka izikalo zayo ngawo lo Mteto e Kapa. Impi yako- wetu masiyiqondise into yokuba naba- tunywa naninina ayingencedi nto ngapandle kwemitandazo erela kwindawo ngendawo eyenziwe kakuhle, njengokc sihlala siwuqondisa umzi. Umntu wonke ongakwaziyo ukubhla enzeixiiyi abakwaziyo bazibalele ngokwabo. Ukuba ke ayenziwanga lento kwangoku bukali, kuzo zonke indawo : singaba ke asifuni kulungisa nto. Mayibeko nevela kuma Bhunga omzi la matsha, kuba kaloku akolo ukunceda umzi awumeleyo. Ivulwa namhla i Palamente; zc nisebenze ngcnkutalo!

YEHA

KWELANAMHLA ipepa umzi wofumana kuko inewadi ebhalwe ngumntu oti ukufibla igama lake ungu " XOSI." Uyinyebeh zise waya kuyifaka kwipepa lama Ngesi apa c Qonce *(Watchman)* esingatandabuziyo, kodwa siqinisekile kweletu icala ukuba umzi wakuba uyifundile le newadi wayiva inteto ebolileyo eva lelwe zizifuba zamadodana—asikolwe ukuba anokuwela esandleni—uye kumangaliswa. Into yokuba ibhalwe ngumntu ongum Xhosa ngenene, oka nye nokuba wayeke wanguye lomoya ukulencwadi uchasene nazo zonke izitete ezalata ubuntu nobunumzima base Maxbhoseni. Njengokuba ku tina sizidla ngeligama sinyanzelekile ukuba sivakalise nsizi nendano ukuba kuti kwelixa zililayo intonga kanti kuyawako inxenye eyawangxamele , ukupitizelisa umzi ngokungenisi omoya ababi. U Mhleli welipepa okwesake isiqu asiteti ngaso kuba kudala wawuwelayo umfula wokwe nzakaliswa zinteto zoluhlobo, kuba uselene xesha waba pambi komzi Into tina esingayitandiyo kuvuselel umoya ombi wobu Xhosa nobu Mfengu oxboxhwa ngabafana abazifuba zizaliswe ngamakwele nentiyo benge nanimba ngomzi wakowabo. Sivuya ukuba bengepi. " Nobazi ngezixa kato zabo."

AMANQAKU

Awamkeleki.

Kwinto eninzi yencwadi ezifike kule ofisi kubaluleke ngokusemha tsheni okokuba u Mteto wase Glen Grey ongazange wamkeleke kwamhla mnene kuntsundu, ongekamkeleki namhla, awusokuze wamkeleke ngo kukodwa irafu yamavila.

Inqaku Letu.

Ipepa lase Bloemfontein i *Express* lilishicilele lonke elanqaku letu lino- Mr, Hofmeyr; lite lakukova ukusivelise icala ebeliwasitele amane amapepa, liqukumbele ngeliti " Abalifundileyo elinqaku boba nokuziqondela ngokwabo ubungakanani bemane ekulo." Esingapendula ngale lelokuba senziwa kukuba sasisazi lento satshoyo.

E Swazini.

Ngolwesi Bini Iwepelileyo induna zase Swazini bezindwendwele Rulumente wama Bhulu e Pretoria zindwendwele ngesiroro sokuba Mr. Shepstone ezitabate zonke incwadi zesizwe komkulu wazisa e Pretoria engawaxelelanga ama Swazi. Ziinduna ukuba bezifun' ukubanekwa incwadi zemali lonto ngeyenziwa pambi kwe Nkosazana namakosi Swazini. Ayivakali impendulo yo Rulumente wama Bhulu.

Indlanga.

Ezizilwanyana zisisibeto esingabatetekiyo kweli ngase zantsi kwabamhlope naba ntsundu. Kuko indawo emasiyikankanye apa. Akuko banene babulelwayo njengabantu bakowetu. Onke lamayeza enziwayo elilizwe ezinto ngezinto aditshwa kubo kanje akusokuze uvo bebulelwa. Kwintlanganiso yama Fama ebisandul' ukubako kutshanje ke kwabanjwar ngendawo yokuba eyona ndle yokubulala indlanga emibeleni ; nkomo ukuze ingenzikali yeayipina u Kuyo lengxoxo kutyileke inyanina yokokuba umzi omhlope seupile kumfiliba kwingqondo zontsundu le kwimicimbi exakileyo yoluhlobo.

Isinqanga.

E Dayimani (West End Compound) uhle into esimanga. Ngombla we 9 ku April lo u Mr. Johanas Noqalana wehliwa sisisu. Ngokuhlwa amkulela. Kwekata ukohlelo nokuhlamba kwentliziyo, wada wapuma landle wahlanza, wavakala ebiza u J. 'J. Hermess esiti makeze kubona, 'fikile kuye umbizwa, wotuswa kakulu jubona isele into enkulu endvvebileyo ilihlauzwe ngulomntu. No Hermess eyokubiza naye abanye abantu ukuba aabone esosimanga. Ubukulu balo belingekwaziyo ukungena kulomntu akubonakala ukubi langena liselinci- uane lakulela esiswini. Abantu aba- ntsundu kufuneka benenyameko ma- pelana namanzi abawaselayo ukuba abe ngalungileyo.

Ukutshul' amakobo.

U Napoleon, igora elikulu lakudala kutiwa beliti lakuqonda ukuba lixakiwe zinkatazo ezipakati komzi ezibangela ukuba abantu bampalale ahlabe umkosi wokuti lifile " namanantsi spume nomkosi omkulu ahambe etshula amakobo esilwa nezizwe angaxabene nazo. Ati kuba uzibhaqa ziugalindele mfazwe azoyise ibe nga machiti; kanti ke lonto iya kumnika udumo oltikulu ekaya e Fulanisi, ilityalwe impato yake kujongwe eze mfazwe. Ukuba ayiqondwa lonto ngabantu belilizwe kubonakala ukuba u Mr. Rhodes ukulowo mkondo kanye. Lo " Napoleon wase Koloni " ute ngokupelelwa ngumhlaba angahamba etshula amakobo kuwo wafumana isisulu kwela ma Mpondo. Sekunjalo njeke siyatemba ukuba ama Mpondo ozilumkela, azole akuyiqonda lento; nati ma Koloni kuyimfanelo ukuba siagaziyekeleli ekuhendweni ngala maphulo amana ukuya eina Mpondweni amana ukupelela emoyeni, ukupela kwayo lonto kutiwe iukosi etile nelile zingxoliswe kakulu yi Mantyi Enkulu ngomfiliba ongaqondakaliyo isizatu kubantu abakude.

Ngxatsho ke Mr. Kruger.

Udaba lokuba u Rulumente wama Bhulu ase Transvaal! wenza amacebo okulungiselela imfundo yabantsundu luyakwenza ukuba u Oom Paul, Umongameli welo abulelwe kulo lonke elilizwe nase Ngilane, kanjalo luya kukwelelisa lomoya ukoyo wokungatembeki kwempato yama Bhulu ngakwabantsundu kwizihlobo zabo ezikweli na Pesheya Ipepa esiyi *Press* ekutiwa lingumlomo ka Rulumente wase Transvaal lisotuse ngeuteto enkulu enge " Mfundo Yabantsundu ' esitabata elinqaku kuyo :—Lento ingatelwa nqa kodwi iyinene, yokuba kude kube lelixesba sikulo nje akuzange kubeko nto yenziwa lolu Laulo, nase mapupeni, enjengokutundisa nokuqeqeshela imfundo abantsundu. Ngenxa yezimeko ezitile ezinjengezembuso nezinye u Rulumente akazange abe naxesha kwana tuba lokuwusingata lomcimbi ; ukulungiselela imfundo elula yabantu betu abantsundu yinto ebisoloko iyekelwe kumabuto azipeteyo nakwinkutalo yabafundisi. Ngoku ixesha ifikile esingena kuyipepaimfanelo emelwe kutwalwa sisizwe esikanyiselweyo. Lomsebenzi ulingwa ngenyameko yeminye imimandla ne Koloni zase South Africa, siva ke ukuba nowetu u Rulumente uzakubehle awusingate lomoimbi, kungenzeka ukuba kuviwe uluvo Iwe Bandla i Volusraad ngawo pambi kokuba kuyilwe umteto ongawo.

Ukupampata kwe Transkei

Ipepa lase Kapa eliyi *Cape Argus* liti :— Akuko nto inzima njengoku ebenzana no Mxhosa. Uhleli ezindwebelo, enamanakani, elumkile ngezinye indlela, aze kwezinye ufike ehohosholo, enobuntwana, esi sisulu esimka nazo zonke intetwana zo nobhalele edolweni, ati omnye noko selengowase sikolweni adle ngokubonakalisa ubudenge obusitokotoko ukuba mnyama, nokwendela kwenkolwana zobumnyama. Olona ninzi Iwabantsundu luti lento bazibiza ngayo—ngabantwana— kufuneka ke bekuliswe njengabo emitetweni yokubalaula. Kufuneka imiteto eyenzelwa bona iti pezu kokuba ibashwankatela bonke ibe yefundeka lula kubo, bangayekwa ukufundiswa zi mantyi zabo kwakufika umteto— ngokukodwa e Transkei, kuba yiyo into ebangela ukupumelela nokungapumeleli kwe miteto yaba Ntsundu. Eziya Mantyi zitwele umsebenzi onzima ukuquba lo Mteto we Glen Grey. Zonke indaba ezivela kwelozwe, nakuba ezinye zingxengwa, zibonisa ukuba Abantsundu base Transkei banxungupele. Bahleli becbopele ukukolwa nayintonina etetwa ngababhoxi. Iti nentwana encinane ikuliswe yenziwe into enkulu eya kuzala ingozi ezinkulu. Umlungu we venkile eke wanentwana ayenzayo yokutsalela abantu evenkileni yake, sekusitiwa azizodwa ezingubo iko into ezinayo, bamlahle bonke bangalubeki unyawo kulo venkile. Umntu olaziyo ibali labantsundu uyasazi isiqamo samare endatyana zonobbalele edolweni ezikauleza ngokocingo bakolwe kanye kuzo abantu. Ziya wutintela ziwenza nzima umsebenzi wabapati kuba inkani zomntu omnyama orwada zifana kwa nobu hobosholo bake, ungena kumjika entweni esengqondweni yake ngapandle kokuba ayibone into isenzeka ukuze aqonde ukuba ubeposisa. Zonke ke ezizinto sibozicinga xa silesa IJIVO ngoxokozelo oluse Transkei oluchasa umteto we Glen Grey. Kumhlope kanye ukuba abantsundu base Transkei baya pampata ngalo mteto.' Asiko ukuti IMVO iyakwezela, kodwa ayikushenxisi ukupampata kwabo. Bekusazeka ukuba lo Mteto uya kuranelwa ungatenjwa luninzi. Umntu ontsundu—ngapandle kowaka waya kuba pantsi komtunzi wokanyo wase Lovedale—uhlobo alulo ligqolo elingena kwenziwa nto elifike laneke amatyeba amhlope okungavumi kujika entweni akuyo, ngokukodwa inguqulo eya kushwankatela nentsapo yake ukuba bamano ukusebenza imihla ngemihla,

U Henry Wilson, umgeini posi wase Welshton, e Florida, uti waka wanyanga isifo soxaxazo ngeyulo ezintandatu nge bhotilana yomchiza wo Chamberlain Woxaxazo ne Sisu. Emayibe lonto yaba ngummaugaliso kuye. Kuhlala kwelo yeza ukwenjenjalo. Ngamanye amaxesha limpilisa umntu ngokulisela kabini afuiuane impilo elungileyo. Linokutenjwa maxesha onke. Xa lidityaniswe namanzi liyalunga. Litengwa kwa R. Lumsden & Cu., e Qonce,

INDAWO NGENDAWO
[NGUM'BHALELI WETU.]

BHOFOLO.

Lomzi ngu mzana omi pezu kwe Ngcwenxe (Kat River), waziwa ngokuba yi Fort Beaufort ngesi Ngesi, kutiwa kuse Singqengqeni ngesi Xhosa. Ngumzana owazeka kakulu, ngokukodwa ngatna bali imfazwe. Kambo imfazwe ka Mlanjeni ye 1850 yayilwelwa kufupi nawo, e Mtontsi (Blinkwater). Kutiwa u Maqotna tbesala ukubaaqabele kwezintaba zipezu komzi ama Ngesi awatobe kakubi. No Uithalder, u Mpati mikosi yama Lungu wabulawa kufupi nalomzi; kwa no Fordyce, Umpati mikosi yama Ngesi, wafela kufupi nawo edutyulwa ngatna Xhosa. Imfazwe ye "Zembe" yaqala ekay' apa ngokusuka u Tsili, Umdange, ebe izembe kulo venkile ka Holiday (Holita), nantso imi kulo hola wendlela icanda emzini, iseko nangoku, nelo litye lipambi kwayo liseko. Kukwalapo u Tini, into ka Maqoma, wafunda kona nkusela utywaia knyo londlu seyide yatyeli bubudala, Ibifudula iyinkauti kudala.

Unjalo ke lomzi. Ndingantyuntya ndipike neziganeko zawo. Nokuya ungu mzana omncikane yindawo efanelwe kukuhanjelwa, ngokukodwa nonyakanje. Izinto ezilinyiweyo zintle kakulu, ngazwinye yindyebo nonyakanje; ungapa ula kwa ubuso babantu, asibobubele—zindlezana.

Amadodana asebenzela uhlanga ako kunye namanenekazi ohlanga, waye umsebenzi ubalingene bonke. Usapila nomfundisi u Isaac Wauchope, esaquba kakuhle, umfo otandeka wakufika endiwini yake abonakale uknba wake wase Bhai, ubuke eteta nomnikazi mzi, ungabi nakunceda ukuti " Hai ukuba mnandi ukublala kakuhle kwabazalwana," Kutiwa lomfundisi uneqaga elenziwe nga " manyama," leza nenkosikazi oko yayiye kowayo nyakenye , selinegwada kade. Kutiwa uti akuvela eluhambeni, njengoko engemntu uhlalayo ekaya ngokubamba eshumayela, into yokuqala leli qaga ake amlikile, ke alile kupume ukudinwa; kunjalo nje lonto ngumteto oqine njengo wama Medi nama Perisi, kwaye kubonakala ukuba umfo lowo uzinikele emsebenzini wake. Qonda i Tempile yalapa ayilingani na Tempile ukuba nkulu, yaye inkosikazi iluncedo olukulu. Kungemmangaliso ke ukuba umsebenzi womfundisi upumelele. Nayo yake yaku Bhai Ndlovu apo isalile-Iwayo kona ngemisebenzi emihle kunye nomfundisi.

Zilapa into zo Malgas, kuhle betu ; netitshalakazi endala yakwa Tini, u Miss Radas obefudula ese Tamara, kunjalonje kungona azinikeleyo emsebenzini, ungabona ngokubantle kwe Report zake ne "Allowance" ayifumanayo, waye encediswa kakulu ngabelungu abanjo ngo Shaw (Unogqala), no Wilson. Lenkosazaua siyinqwenelela impilo eude nentle emsebenzini wayo; kwaye kubouakala ukuba abantu bankontele kuyo.

Ke kwako umtshato womvangeli. Sati sisati siza kunyuka ukutshoka kwegala kesiye kutsala u doh osinqindi, sesimsongele u Qaba ukuba namhlanje sakumkupa, kanti asibuzanga, siyeva umyeni selemkile, kanti utye ibhulakufesi ekoko ukusinga e Nxikwebe, nomtshato wachitwa ; asadana ! nditeta ukudana mna, sazinkongolo, kuba besicwabile. Bekuya kuqala ikaya, kulandelo umkozi, kugqibelengo Qaka, sesizilolile ingqula.

Kesahlekiswa ngomnye umfo esibalisela ngemini awayeyokwendeia omnye, baye bengavumi ukulobola. Uti kwaba lusizi xa intoinbi seyimcenga ngokwayo isiti, "Uyabona ndiyinkedama, ukuba andilotyolwanga andikuba nakaya, kona ndauunxitywa ngubanina. Oh! kanisicinge isigqibo senu, ndiyakuba yintonina, ndiya kutshona pina xa ndingalotyo-Iwanga," Hi inkomo ndasikwa yimfesane. ndase ndisili, hayi noyi, gqiba no wenu.

Lomzi ukufupi nendawo ezidumileyo, i Heald Town ne Lovedale. Kutiwa i Nxukwebe ue Dike liyafana ngesimilo, Chorus: d: l:d: r; d t d. Ndingati "indaba yetyelo ayikoli." Kulapo kupume ingqondi zahla nga olumsundu kwezindawo zombini, ebekufuneka wonke oke wakuzo atyelele kona, ayokubona izimanga, apo kuqingqwa komikhaba ndabakazi.—Nkosi sikelela i Nxukwebe ne Dike. Amen.

GLEN GREY.

[INTAKA ll'APAZELA]

Ndilundwendwe iwako mzameli woxolo. Ekubeni ndaka ndangxungxa kwi koranti zabamhlope: nditsalwa bubele bako kuzo zonke intlanga, enditemba ukuba nam ungandipa indawo pezu kocango lwe ofisi yako ndakele kona : ukuze xa ndifuna udongwe kwimilambo ngemilambo lwendlu yam, ndikupatele ezika nomzana indaba.

Mandiqale ngesikuni esikulu, u Bangindlala, ndiqokelele amaceba okukwezela eloziko lako lencasa. Hayi umzi omhle owoniwe ngabemi bawo, wofika imizi ikolise ngo " rondawuli " ; uve unqwenela indoda enjengo Josiya, owati kuma Jodi qekezani zonke izinto zobuhedeni. Yini mfundi, uti wakuzikangela zikukumbuze imihlonitshwa, nomapewula, nemitentsema, nokungxat' entla. Msa! Noko ke ndiyatemba okokuba ngoku bekokelwa ngumfo ka Noboza, u Isaki, okunye nabafundisi beyifumene incwadi yakomkulu, eti kuza kucaudwa iziza, bopapama, badilize, benze ezifanelekileyo. Pambili mawetu !

Ityalike yabo inkulu kanye, kodwa wofika ibahleka noko imini ngemin ngenxa yokuba ingekapoyintwa. Wovs bekala kubafundisi. Mawo, onyana bake bamyekelela uyise wabo na? Puman niye kuhlanganisa izitembiso nize nazo !

Lomzi unamatamsanqa kanye. Kuti gqi umhambi ekutiwa ngu Lozi,
Okonkoto lugqtte ukuluma;
Obopa imilomo yamadoda namashumi atile ;
Obulala uhlanga kwangentonga zalo.

